Imbongi ye Sizwe: *Imvo Zabantsundu* (17 December 1938), page 8

**U Right Rev. Yekelo Mbali**

*Imbeko Kofanelwe Yimbeko.*

Oko ndandiyi nkwenkwana ndifunda e Dikeni (Lovedale) kweso sikolwana besi sesabantwana ngase mjelweni, kube kusakuthi kumane kufika iimfundi ezivela esinaleni eziza kunceda ititshalakazi yethu emhlophe. Phakathi kwezo mfundi ke bekubakho nalo ugama lingentla. Xa kukho yena ke kube kusakuthi kubekho ukuzola okukhulu, kuba unifo ube sisizolane yena ngokwakhe; emhle; eze kwenza lento ebezele yona apha yena; athi akuthi cwashu ukumka lakuphela ithuba lakhe, kuqale kuthi qabu! Njengomfundi owaye bukhali kakhulu, ezoo titshala zonke zandithabathela ingqalelo kwa oko, zade ezinye zanamazwi ngam, zandithanda, ndaye ndikwanjalo nam kuzo.

Ifundile ke lendodana, lomfo ka Mbali, yade yabekwa izandla ngama Skotshi, yangumfundisi wase Fritshatshi, ikhaya lise Xesi, (Burnshill) e Mkhubiso. Ide yasiwa nakuma Awuwa, kwesika Mamabolo (Zoutpansberg), emantloko e Transvali. Ubuye apho umfo ka Mbali evene incilikithi nezo zizwe, eyithetha nentetho yazo. Wenzelwe isicelo e Ndakana (Ngqamakwe); apho ke asuka khona ukuze nje aye kwelika Jojo kuina Xesibe kwangokucelwa. Kwi "Bandla la Bantu," ube ngu Mongameli (Moderator) wokuqala kwaba ntsundu abafundisi.

Sakuba ngoku sesingamadoda, siphethe iinkonzo zesizwe, - ku guqulo lwezi Bhalo; kwi Tempile; kwi zikolo zemfundo, njalonjalo, siqalile ke ukuncokola, - uthe kanti ungum Thembhu kwanje ngam, into yasema Mpemvini. Apha kwa Rarabe ungum Ngqika, ulunge kwaziko lasem Ngcangcatelweni, ku Ngonyama Tyhali, - ude wakhe waya nase Ngqanda, oko yayenjenjalo imi Ngcangatelo. Ngumfo oyinkedama eyashiywa ngabazali; imfundo le seleyi zuziswa ngababafundisi ngokungakumbi u Rev. James Stuart, wase Mkubiso apho. Namhla ke i Bandla lakowabo, elibe lihlangene e Ihekwini (Natal) limnike kwa imbeko yokuba abe ngu Mongameli walo (Moderator),

Phindela kwakhona nto ka Mbali!

Phindela kwa khona!

Izwe limagad' anzima, -

Phindela kwa khona!

Mayihamb’ inqwelo ka Lizwi,

Iqhutywe nguwe kanye;

Kude kukhany’ ezinyaweni;

Phindela kwa khona!

Emadodeni kwedin’ a Komkhulu!

Ad’ ev’ u Mavuso no Mamabolo;

Ad’ aphendul’ u Jojo no Luzipho;

Kukude kowenu kwa Ngqika;

Kukud’ emva kwelaba Thembu;

Sekumgama nasem Ngcangatelweni.

Mayihamb’ inqwelo ka Lizwi, -

Phindela kwa khona!

Gob’ idol’ ugob’ umqolo!

Ud’ umise nangendololwane;

Inqwel’ iyazik’ ekukhanyeni;

Umtheth’ ulahleka kubonwa;

Inkosi ikhanyelwa ngabayo;

Misa nangama zondolwane;

Mzolisa wasema Mpemvini, -

Phindela kwakhona Laundini!

Nquml’ ingxolo nengxokozelo!

Nquml’ imilom’ emide;

Thina ma Ngqika siyaziwa,

Singama bandl’ omkhonkotho;

Phos’ iliso e Dikeni, -

Ukrwaqule nase Nxukwebe;

Jonga kakuhle em Thwaku;

Umis’ iso lakho em Gwali;

Phindela kwa khona!

Phindela kwa khona mPemvu

Uyajangaz’ u Sililo kwa Zulu

Ayatheth’ ama Awuwa ngasentla

Isizwe sizalelwa ndodana

Mzolisa! Mzolisa wo Hlanga!

Mnqay’ uluswayiba loswazi;

Ngubo zimwalala-mxanana;

Ntonga zase Antiyokhwe, -

Phindela kwakhona bawo!!!